***The Hound of Heaven translation by S.E.K Mqhayi***

NdaaMbaleka imini nobusuku,

NdaMbaleka iminyakanyaka,

Ndehla ndinyuk’ebugqagaleni;

NdaaMbaleka ngendlel’ezimagqagala;

Ndiphethwe luvalo nenkungu yenyembezi;

Ndamzimela ndibaleka ndihleka,-

Ndaathembela ngezanga;

Suke xhwenene ndanqolonceka;

Ndatsho kwimiwew’emnyama yooNomanyama,

Phakathi kweemfanta zamawa;

Ndasab’ezonxubula zindilandelayo,

Zithe tywele ngakunye,-

Zinegunya lobukhosi kwakuzo;

Ziqwaba njengoqwab’izingqi zengoma;

Kukwakho kwa -nelizwi,-

Lintyangampo kunezingqi,-

“Ulwatyulelwe yinto yonke olwabulela mna!”

Ndabongoza ngokwe kheswa,

Intliziy’iligazi;

Kukho namabongo;

Ndilwazi phof’uthando londilandelayo; Ndankwantya

phofu ndisithi,

UkumAmkela kukuziphalaza;

Phofu kuvulek’intunjana yanye,

Uvuthuzo lwakhe lungayivala

Uloyiko lwaaba sinkwathatha,-

Kodw'uthando lwaba nempumelelo.

Ndaaqabel'iincopho zehlabathi.

Ndafumanis'umenyezelo lweenkwenkwezi;

Ndivula kuz' iindawo zezikhuselo;

Ndizithuthuzele ndithuthunjelwa;

Ngokujong'ubuhle benyanga.

Ndisithi, ndifihleni ngobo buntu nibubo,

Kule Ntanda ingwanyalala;

Zandifihla kambe ngelo lize

Ukuz'Angandiboni!

Ndizizame zonk'izicaka zaKhe;

Ndathi kanti ndizihleba kwamna;

Ndakuqond'ukunyaniseka kwazo;

Ngenkolo yazo kuYe zaxengaxenga kum.

Kwaandinehatsh'ukunyaniseka kwazo,

Ubayinkohliso kumubuntobela bazo,

Ndaacel'amendu kwezinamendu;

Ndabamb'amatshoba kwezinemitshoba;

Koko zibe ngaya ngapha nangapha,-

Zileqwa nezindudumo,

Aziyifiyang'inqwelo yakh'ecand'amazulu!

Eqhwith'imibane aph'inyathela khona;

Kutsho kusiphuk'umhlaba,

Uloyiko lwaba sinkwathatha,-

Alwafana nomzingiso nothando.

Yangqiyaza ngokwezingqi zengoma,

Zinegunya lobukhosi kwakuzo,

Zandilandel'izingqi,

Zinelizwi lintyangampo lisithi,-

“Akukhuselwa nto ingandikhuseliyo!”

Andibanga sasukelana nezaanga,
Wabona noyindoda noyinkazana;
Kodwa ke kubantwana,-
Ndaba nomxhel’othe gingxi kwakanye;
Kuba ndibon’ukundilangazella kwabo,
Ndiguqukele kubo ngolangazelelo,
Othe xa bathi phaka ngokundamkela,
Beza kuba nentetho,-
Baxwilwa zizithunywa zabo kum!
Guququ ndaya kusapho lwemvelo,
Ndathi yizani sibe ngamadlelane;
Masibulisane ngolwangano;
Masibantsane, simbambazelane;
Sifundulul’uMzilikazi umvelo,
Esempepheni yomoya phandle,
Phantsi kwezulu lise ‘gede’,
Siphuzisana ngendebe
Njengesiko lenu.

Eyayiphuma ngokombeth’ongcwele,-
Kwabanjalo ke kanye!
Ndaba kobo ke ngok’ubudlelane nemvelo,
Ndazikrob’iimfihlakalo zemvelo;
Ndakwaz’ukuguququguquka kwezulu,
Ndakwaz’ukunyuka kwamafu,
Ephuma kulwandl’olulwayo.
Konk’okuzalwayo nokufayo,

Okuvelayo nokubumayo ndikubonile;

Kwandinik'ingqond'entla!

Ndaphatha kuvuya nokulahlekelwa;

Ndikunye naz'ezonto.

Kuthe kwakuhlwa ndeekhumbembe,

Zakuba luziz'zinto zendalo;

Kukukhanyan'okungephi kwenkwenkwezi;

Ndagcoba kwakuthi qhekre,-

Ndavuya ndilila ngokuzinguqu zezulu,-

Salilisana nezulu mhla ngemvula;

Zaxuban'iinyembezi zam nezalo;

Kuthe ukubetha kokusa kwezulu,-

Yabeth'imitha nakweyam intliziyo,

Xa lithi tha lisiya kutshona.

Ayanela nalaph'intliziy'am ebuhlungu.

Zaaba liliz'iinyembezi zam kwizulu,

Kuba sithe kant'asazani nkontsentse,

Mnanezizinto sithethana ngezandi.

Zona zithetha ngentsukumo,-

Zithetha nangokuthe cwaka.

Mvelo ndim! Wena mzilikazi wohlonelo,

Naw'akundanelisi nganto,-

Kule mfungu mfungu ndikuyo.

Kantyhil'amazulu khe sibon'imfefe zawo,

Ezingazange zagqib'unxano lwam;

Way'esondez'osukelayo,

Ethe tywele ngakunye,

Engqiyaza ngamandla,

Phezu kwezo zingqi wavel'umtyangampo

We lizwi elithi!

"Uyabona! Akoneliswanto ongandanelisiyo!"

Ndibululeke ndaze,

Ndalindel'ukuxatyelwa,

Lolo luthando lwakho.

Uwavuthulule awam amakhaka;

Wandibetha' de kway'edolweni,

Ndaaze kwaphela,-

Ndangathi ndilele ndavuka kuhle,

Ndazifumana ndihlutywe ze kanye,

Ngoko bezingca ngamandl'am,

Ndaaliviviny'ixela

Ngokwenz'ukuzithandela, ndidyobekile,

Ndema phantsi kweminyak'emfungumfungu,

Nobo butsha bam bulidlavu phantsi kwaloo mfumba,

Zaqhuqhumb'imini zam zemnka ngokomsi!

Zagqabuka ngokwamagweb'engxangxasi!

Awa phants'amaphuph'am;

Zawa phants'iintambula,

Lwawa phants'uhlohlo lwamabongo!

Endandizigatyele ngawo ngokwesambulo,

Undivumel'umhlaba; zaba lilize,

Kub'umhlab'uxinwe zezaw'iintsizi!

Awu! Lungaba uthando lwakho lubutyani,

Koko butyan'obunga buviyo,

Obungavumi ntyantyambo zizezinye?

Ungaba unjalo, wena Mzobi ungagqibekiyo?

Utshis'umthi n'ukuz'uzobe ngawo?

Ndizibiqe ndazigqib'eluthulini,

Ngoko k'intliziy'am ingumthomb'otshileyo!

Zibe iinyembezi zisihla gqolo ngokwe ngxangxasi!

Ziphuma kwiingcing'ezibuhlungu,-

Zentunja zengqiqo yam.

Injalo ke leyo; yintonin'elandelayo?

Xa obubom bunje bobeka phin'obuzayo,

Ngathi ndiyalibon'ixela lempithimpithi ngenkungu zolo.

Libe phof'ixilongo libetha ngezazela;

Lisitsho kwiinqaba zakwa Naphakade.

Lithi lakutsho lizichithachithe nezonkungu,

Zizungulez'ezonqaba zivele mgama.

Asinguye endandimbone kuqala,

Law'ubebiza ngesigodlo enamanxeba,

Lambeth'iingub'ezimfusa,

Enesitshaba sameva;

Ndiyalazi yen'igama lakhe,

Nokubetha kwesigodlo sakhe.

Yintliziyo yomntu, bubom bomntu sinina,

Eyona nt'ufuna yona?

Isiqhamo sakho sichunyiswa kukuf'oku na?

Malunga nalowo mjajuliso?

Nanz'izingqi zisondela,-

Elo lizwi lindi hawule ngokolwandl'olulwayo,

Lisithi, "wonakele kangakan'umhlaba wakho,

Uzezi ngcando ngeengcando na?

Uyabona! Ubalekwa zinto zonke, kub'ubaleka mna!"

Nang'ummangaliso went'elusiz'engenamsebenzi!

Angathinin'umnt'ukukusukela ngothando,

"Akubonin'ukuba ndim ozikhathaza ngent'engento",

"Kub'uthando lomntu lifun'iimfanelo,

Unamfanelo nina kulo wena-

Ungonchole kangakanana nje wena?

Koko ke yeha! Akwazi nento,-

Ukungafanelwa kwakho naluluphin'uthando;

Ngubanin'ongaz'athande wena nt'ihlazekileyo!

Inge ndim ndedwa, ndedwa?

Ndaakuthatha konk'endakuthatha kuwe,

Kunge ngozi yakho,

Ndisenzel'ukuz'ukufune kum oko.

Zonk'iziphoso zakho zobuntwana, obazilahliwe,

Ndaakugcinela ekhaya,-

Phakama! Bambelel'esandlen'undilandele!"

Ngxithisi! Ndev'isingqi sisima ngakum!

Ingaba k'elithinzi, lelesandla saKhe na sobubele?

"Awu! Wen'uchubekileyo, uyimfam'ebuthathaka,-

Ndingu low'ufuna yena!

Uzigxothele uthando xa ugxotha Mna".

<u>Ku W.M</u>

Wa Mthi ndin'umasebe maninzi!

Kanti kukhelinga ntsule kuwe,

Elifakelweyo lona;

Ongath'ufikelwe ziziwuthuwuthu zoluntu,

Wasal'usisi khwili,-

Int'engenasebe nantyatyambo;

Lotshela kuw'elosebe:

